



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2021

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha asi-7.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(50)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(30)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
 - ICANDELO A: Imizuzu engama-80
 - ICANDELO B: Imizuzu engama-40
 - ICANDELO C: Imizuzu engama-30
8. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impindulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- 1.1 Loo mini batsho babona abantu ukuba nam ndinayo italente [50]
- 1.2 Tyhini! Yathi kanti imini iza kuphela kakuhle [50]
- 1.3 Izinto ezinokwenziwa ukuphungula ungcoliseko lomoya [50]
- 1.4 Xa ndinokudala ichiza ingalelokunyanga i ... [50]
- 1.5 Ezemidlalo ziyasimanya isizwe [50]
- 1.6 Urhulumente makabeneenkqubo ezinyanzelisa ukufunda ulwimi lwezandla [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ubeMNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7.1 okanye 1.7.2). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7.1



[Uthatyathwe ku: www.google@pics.co.za]

[50]

1.7.2



[Uthatyathwe ku: www.googlesearch.co.za]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabubengamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhala ileta eya kumhlobo wakho oyinkokeli yabafundi uncome igalelo lakhe.

2.2 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO

Bhala isivi neleta eyikhaphayo egameni likaSindy Naku ujonge kwisibhengezo esingezantsi.

**ISITHUBA SOKUBA NGUMTHENGISI WEZIQHOLO
ZAKWASOOTHIES**

Uxanduva lwalo msebenzi:

1. Ukuthimba abathengi.
2. Ukugcina abathengi.
3. Ukufikelela kwiintlanga ezahlukileyo.

Iziqinisekiso zemfundo:

- * Ibanga leshumi elinambini elihamba nesatifikethi kwezoshishino.

Amava:

- * Isakhono sokuthetha ezinye iilwimi ngaphandle kwesiNgesi kunye nesiXhosa.
- * Kulindeleke umntu onamava eminyaka emibini kulo msebenzi.

Thumela isicelo sakho kule dilesi: soothies@webmail.com

[30]**2.3 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Ubumele isikolo sakho kwintlanganiso yabafundi bebanga le-12 neenkokeli zeSebe leMfundo, ebibanjelwe ePhondweni ekuqaleni konyaka.

Bhala i-ajenda nemizuzu yaloo ntlanganiso.

[30]**2.4 INTETHO ENGEKHO SESIKWENI**

Bhala intetho oza kuyenza kwindibano yekhaya ekhuthaza ukuba amalungu osapho ahlale ngemvisiswano.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B:****30**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 IPOWUSTA

Bhala ipowusta yokwazisa uluntu ngeenkonzelo ezifumaneka kwimyuziyam yendawo ohlala kuyo.

[20]**3.2 IPOSIKHADI**


Bhala iposikhadi eya kumalume wakho osenkampini yomkhosi ePitoli, umnqwenelele impilo entle emva kokuba ebengaphilanga.

[20]

3.3 UMBUZO 3.3 wemephu wujonge kwiphepha elilandelayo.

3.3. IZALATHISI

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho ohamba ngeenyawo indlela esuka e*eTrain Station* eya esikolweni samabanga aphakamileyo. Landela iintolo ezisemephini.



[Ithatyathwe ku: www.googlemaps.com]

AMANQAKU ECANDELO C:
AMANQAKU EWONKE:

[20]
20
100